# VAKALISA ULUVO LWAKHO!
# UMGAQONKQUBO OLUYILO ONGOLAWULO LOKUNGCWABA, UKUTSHISWA KWEZIDUMBU KUNYE NEENDAWO ZOKUNGCWABA

ISixeko saseKapa simema amalungu oluntu, nabo bachaphazelekayo kunye namaqela anomdla ukuba avakalise uluvo ngokumalunga noMgaqonkqubo oluyilo ongoLawulo lokuNgcwaba, ukuTshiswa kweziDumbu kunye neeNdawo zokuNgcwaba. Lo mgaqonkqubo uphuhliselwe ukuze kumiselwe isakheko sakalokunje, esibanzi nesihlanganisiweyo solawulo lweenkonzo zokungcwaba, ukutshiswa kwezidumbu kunye neendawo zokungcwaba

kummandla ongaphantsi kolawulo lukamasipala. Ufuna ukujongana nemingeni ekhoyo nevelayo ngokuthi uqinise ulawulo, uxhase nolawulo oluzinzileyo lweziseko ezingundoqo zeendawo zokungcwaba, uvumele iindlela ezintsha ezithathela ingqalelo okusingqongileyo ezingokungcwaba nokutshiswa kwezidumbu, kwakhona ukwakhuthaza iinkonzo ezifikelelekayo zokungcwaba nokutshiswa kwezidumbu, nezinobuzwe ngokwenkcubeko. Lo mgaqonkqubo ukwabandakanya kwaye ukwathatha indawo yoMgaqonkqubo okhoyo weSixeko ongokuNgcwaba okanye ngokuTshiswa kweZidumbu zaBantu abaHlelelekileyo wango2015 ngokuthi uquke icandelo elixhaswa siSixeko eliphakathi kwesakheko salo mgaqonkqubo elizinikeleyo elingokuNgcwaba nokuTshiswa kweZidumbu.

Ke ngoko kukhutshwa isaziso ngokwecandelo17 loMthetho wobuRhulumente boMmandla: uMthetho wango2000 ongeeNkqubo zikaMasipala (uMthetho 32 wango2000) sokuba iBhunga limema uluntu namaqela anomdla okanye imibutho ukuba ingenise kumasipala izimvo, izindululo okanye izilungiso malunga noMgaqonkqubo oluyilo ongoLawulo lokuNgcwaba, ukuTshiswa kweZidumba kunye neeNdawo zokuNgcwaba ngokujoliswe kwisithuba seentsuka ezingama63.

Ixesha eliziintsuku ezingama63 lokungenisa izimvo liqalisa ngomhla wesi3 kweyeThupha (Agasti) 2026 kwaye liqukunjelwe ngowe5 kweyeDwarha (Okthobha) 2026 Izimvo, izilungiso, nezindululo zingangeniswe ngayo nayiphina kwezindlela zilandelayo Izimvo, izilungiso nezindululo ngokujoliswe kwisiphakamiso sePlani zingangeniswa ngeimeyile kwa Public.Participation@capetown.gov.za

Kuyakuthi kunikezelwe uncedo olulodwa kwabo bantu bangenakho ukufunda okanye ukubhala, abo bakhubazekileyo nabo bahlelelekileyo apho bangenakho ukungenisa izimvo ezibhaliweyo. Ukuba kufumaneke izimvo okanye izilungiso zabo ukuze zirekhodishwe kwaye zingeniswe kuMasipala. Ngenxa yeso sizathu, amalungu alamaqela akhankanywe ngentla apha, angaqhagamshelana neYunithi yeNtathonxaxheba yeSixeko saseKapa: kujoliswe kuAndre Louw kwa021 400 9809 okanye kwaAndre.Louw@capetown.gov.za.

Ngokumalunga nemibuzo ngokujoliswe kuMgaqonkqubo oLuyilo ongoLawulo lokuNgcwaba, ukuTshiswa kweZidumba kunye neeNdawo zokuNgcwaba ingathunyelwa kwiCandelo leeNkonzo zoLuntu nezeMpilo kwiwebhusayithi yeSixeko saseKapa.

Nceda uqaphele ukuba umgaqonkqubo oluyilo uyakuthi ufumaneke ukuba uphononongwe kwiwebhusayithi yeSixeko saseKapa: http://www.capetown.gov.za/haveyoursay.

**LUNGELO MBANDAZAYO**
**UMPHATHI WESIXEKO**
CTA170/2026

CITY OF CAPE TOWN
ISIXEKO SASEKAPA
STAD KAAPSTAD

**Senza inkqubela yenzeke. Sisonke.**